

Ihambo ye-UISP esingise kubumelwane obukhuselekileyo, obunesidima nobuhlangabezana neemfuno zabantu

Yintoni i-UISP?

INKqubo yokuLungiswa kwamaTyotyombe (Upgrading of Informal Settlements Programme) (UISP) yinkqubo yeendawo ezihlala abantu ekhokela kwaye ixhase ukulungiswa kwamatyotyombe ekuhambeni kwexesha. Yohlula umsebenzi ngokwezigaba ezine kwaye yaba inkxaso ukuya kuma kwiSigaba sesi-3. I-UISP ikwanika nothatho nxaxheba oluqhubayo loluntu kunye nenkxaso ngezimali kuququzelelo lwasekuhlaleni.

UKUPHUHLISA ISICWANGCISO SOKUTHATHA AMANYATHELO KOLUNTU (COMMUNITY ACTION PLAN) (CAP)

Isicwangciso esisekelwe kuluntu yindlela ebalulekileyo kuwe ukuba uzibandakanye nophuhliso kwindawo ohlala kuyo. Kule nkqubo, wena kunye noluntu lwakho nenza isigqibo ngombono wendawo enihlala kuyo, yeyiphi imisebenzi ekufuneka yenziwe, iza kwenziwa nini le misebenzi kunye nokuba yeyiphi imithombo oyifunayo ukuphumeza oku. Le nkqubo ngesiqhelo yenzeka ilandela iqela leentlanganiso zeengxoxo, incediswa yimibutho yenkxaso.

I-CAP sisiphumo sale nkqubo yokucwangcisa. Ichaza ukuba YINTONI eza kwenziwa, NGUBANI oza kuyenza kunye noba iza kwenziwa NJANI. I-CAP inokutshintshwa njengoko iphunyezwa iprojekthi kunye nangoluvo oluvela kwabo lusetyenziswana nabo.

UKUFUDUSA LUKHETHO LOKUGQIBELA

Nantsi into ekufuneka uyazi

-  Ukufuduswa AKUFANI nokukhutshwa.
-  Kufuneka azame zonke ezinye iindlela umasipala ukuhlalisa wonke umntu kwindawo leyo.
-  Ezinye iindawo zokuhlala zixinene kakhulu kangangkuba akukho mhlaba wonelayo ukuze yonke imizi ifumane iinkonzo kunye nezithuba esaneleyo. Ngoko ke, eminye imizi kufuneka ifuduselwe kwesinye isiza – ixesha elifutshane okanye elide.
-  Ngamanye amaxesha indawo yokuhlala ayikhuselakanga kwimpilo nobomi babahlali, kufuneka bahambe ke abantu. Umzekelo, ukuba indawo yokuhlala ikwithambeka okanye kwinduli yesanti okanye kufutshane nomgodi.

5

2
Olu lwazi luza kukunceda uyiqonde i-UISP kunye nokuba lungayithatha njani na inxaxheba uluntu lwakho ekulungisweni kwendawo enihlala kuyo.

- Nge-UISP, kufunwa ukuba oomasipala ba:
- Sebenze kwaye bamamele uluntu
 - Xhase amathuba oqoqosho lwengingqi
 - Jolise kwimpilo nokhuseleko lwabahlali
 - Quke izicwangciso zamatyotyombe kwizicwangciso zikamasipala
 - Be nako ukutshintsha kuba amatyotyombe ngamanye ohlukile

IZIGABA ZE-UISP:

UKUSETYENZISWA KWEPROJEKTHI (neenkonzo zengxakeko/zexeshana)
Inyathelo lokuqala kwiprojekthi yokulungisa kukwazi ukuba ngubani ohlala kwindawo leyo nokuba hlobo luni lwezindlu nezakhiwo ezifunekayo. Kufuneka adibane noluntu umasipala kwaye aqinisekise ukuba kukho ukudibana okusebenzayo. Unokunika iinkonzo eziyimfuneko zexeshana umasipala kananjalo kwesi sigaba.

UKUQALA (ngeenkonzo zexeshana)
Esi sigaba sijolise ekufumaneni kukarhulumente umhlaba ofumanekayo (ukuba kuyimfuneko) kunye **NOPHANDO LWEENDLELA ZENZULULWAZI NOBUNJINELI.**

UKUPHUMEZA (ngeenkonzo ezisisigxina)
Esi sigaba sijolise kucwangciso olucazululiweyo, ulawulo lweprojekthi kunye nokusekwe kwelokishi. Izitalato zilungelelaniswe kwaye zandiswe, imibhobho yamanzi iphuculwe, aze amakhaya adityanise kwiigridi zamanzi nezococoko. Abahlali **BAFUMANA AMALUNGELO**/okuhlala kumhlaba lowo kwaye banikwa uncedo lokufuduka, ukuba luyafuneka.

UKUDITYANISWA KWEZINDLU
Inkxaso ye-UISP inikwa kuphela kwiprojekthi eziyokuma kwisigaba sesi-3. Isigaba sokugqibela solungiso simalunga nokwakha isakhiwo esiphezulu kunye nokubhalisela ubunini bendlu.

KWENZEKANI KWISIGABA SOKU-1 SE-UISP?

Izigaba ze-UISP zisekelwe kwiprojekthi ezithile endaweni yokuhlala. Indawo nganye yokuhlala yohlukile kwaye iinkqubo ezithile zithatha ixesha kwenye indawo yokuhlala kunye nexesha elifutshane kwenye indawo yokuhlala. Kodwa phambi kokuba iqale iprojekthi yokulungisa kwindawo yokuhlala, umasipala kufuneka aqonde iimfuno zawo onke amatyotyombe kunye nokuba angawaxhasa ngcono njani na.

Umasipala uthatha la manyathelo:

INYATHELO LOKU-1
Ukuhlola Rhoqo iXabiso nokuBeka ngokweNdiri (Rapid Appraisal and Categorisation) (RAC) ukuze awaqonde ngcono amatyotyombe kumasipala kwaye aqale ukucwangcisa ukuba loluphi uphuhliso olunokwenzeka kwaye olufanelekileyo kwindawo leyo yokuhlala.

INYATHELO LESI-2
Ukubeka phambili ezona mfuno zingxamisekileyo ematyotyombeni eziza kuzisa iinzuzo kuwo onke amatyotyombe ngokukhawuleza kangangoko kwaye kuhlalo lwabiwo-mali olufumanekayo.

INYATHELO LESI-3
Ukwenza uhlalo lwabiwo-mali kumangenelelo kusetyenziswa iNkqubo-sikhokelo yeNkcitho yeXesha eliPhakathi (Medium-Term Expenditure Framework) (MTEF).

I-MTEF luqulungo lweminyaka emi-3 lohlalo lwabiwo-mali lukamasipala. Isetyenziswa ngoomasipala ukwabela imali kumangenelelo okulungisa ivela kwinkxaso kunye nakwimithombo yenkxaso mali eyahlukeneyo. Kwisigaba ngasinye, iimfuno zoluntu kuza kuhlangatyezwana nazo ngokohlalo lwabiwo-mali lukamasipala.

INKXASO NOKWABIWA

Zeziphi iinkonzo ezihlawulelwa yiprojekthi phantsi kwenkxaso ye-UISP?



EKUHLALENI

- Uphando lwabahlali kuluntu, ubhaliso
- Uthatho nxaxheba
- Uququzelelo lwasekuhlaleni
- Ukusonjululwa kwembambano
- Ukwabelana ngolwazi lweprojekthi nokuxela inkqubela
- Iinkonzo zenkxaso yezindlu
- Inkxaso yeenkonzo zasekuhlaleni



UBUCHWEPHESHE

- Uphando lweendlela zenzululwazi nobunjinieli
- Ukuthenga okanye ukohlutha umhlaba
- Ucwangciso kwangaphambili
- Iinkonzo zexeshana zobunjinieli
- Uyilo olucwangcisiweyo lwedolophu
- Ucando nophawulo lomhlaba
- Imali ehlawulelwa ukwakhiwa kweendlela nezinye izakhiwo
- Imali ehlawulelwa ukuphathwa kwesiza
- Iinkonzo zobunjinieli ezisisigxina



UBUSAZI? Bonke abahlali basematyotyombeni balufanele ulungiso ukuya kwiSigaba sesi-3 phantsi kwe-UISP. Onke amaqanaba engeniso, ubuzwe, nobukhulu bemizi, kunye nabo bebenezindlu ngaphambili bafanelekile. I- UISP ayiyinkxaso yomntu engagedwa, kodwa inikwe ngokusekelwe kwiprojekthi.

7

UKUQONDA UKUHLOLA RHOQO IXABISO NOKUBEKA NGOKWEENDIDI (RAPID APPRAISAL AND CATEGORISATION) (RAC)

Inkqubo ye-RAC linyathelo lokuqala aza kulithatha umasipala ukuphuhlisa isicwangciso sokulungisa phambi kweSigaba soku-1 se-UISP. Yinkqubo kamasipala yocwangciso engaxhasa phantsi kwe-UISP. I-RAC inika umasipala ulwazi ngamatyotyombe kummandla kwaye isetyenziswa ukumisela ukuba iindawo zokuhlala ziza:

 Kuhlala kwaye zilungiswe zibe ngummandla osesikweni oneenkonzo ezipheleleyo kunye nezindlu ezixhaswayo (**uDidi A**) **A**

 Kuhlala kwaye zilungiswe zibe ngummandla ongekho sikweni kangako oneenkonzo ezipheleleyo ekuhambeni kwexesha (**uDidi B1**) **B1**

 Kuba nomxube wezindlu ezifudukayo nezisalayo, ngokuxhomekeke kwindawo ezijikelezileyo (umzkl. ukuba ukwindawo elihambeka, kufutshane nemifuta okanye phantsi kweentambo zombane) (**uDidi B2**) **B2**

 Ifuduswa ngokukhawuleza isiwe kwesinye isiza kuba akukhuselakanga ukwakha kumhlaba lowo (**uDidi C**) **C**

Ulwazi oluqokelelweyo ngexa le-RAC lusetyenziswa ukwenza izigqibo kwaye luphembelela izicwangciso zendawo ohlala kuyo. Ukwazi olu lwazi kunokunceda ukuqonda ukuba loluphi ukhetho onalo kunye nokuba ulungiso luyichaphazela njani na indawo ohlala kuyo.

UKULAWULA IMBAMBANO KWINDAWO OHLALA KUYO

Ukulungisa inoba yinkqubo echukumisa kakhulu, apho abantu abohlukeneyo baneemfuno, okuphambili nemidla eyohlukeneyo. Oku kunokukhokelela ekungavumelanini kunye nakwimbambano. Ngamanye amaxesha le mbambano iphazamisa uluntu kwiprojekthi kwaye inokubanga ukulibaziseka. Kufuneka sifunde ukuba siyilawula njani imbambano kunye nokungavumelani kwaye size nezisombululo eziza kunceda uluntu xa lulonke. Nanga amacebo ambalwa:

- 1 Kunokuphetshwa ukungavumelani. Ukwamkela ukuba wonke umntu unoluvo kunye nokuba uluvo lomntu wonke lubalulekile.
- 2 Ukugcina ujoliso kuhambo lokuphucula oluza kukhokela kwiimeko eziphucukileyo zokuphila.
- 3 Ukufumana izisombululo kunye. Sinokungabikho isisombululo sokuphumelela, kodwa masifumaneni olona khetho lugqwesileyo kubantu abachatshazelwe yiprojekthi.
- 4 Ukwakha ukuthembana kuluntu lwakho ngokuthetha nommelwane wakho ngotshintsho kwindawo enihlala kuyo.
- 5 Sinamathuba angcono okuphumeza izinto xa sisebenza kunye.
- 6 Yabelanani ngolwazi kwaye nifikelele kwisivumelwano nabo bonke abo nisebenzisana nabo.

Ihambo ye-UISP esingise kubumelwane obukhuselekileyo, obunesidima nobuhlangabezana neemfuno zabantu

kubumelwane obukhuselekileyo. obunesidima nobuhlangabezana neemfuno zabantu

Ityotyombe lakho lilodwa kwaye ulwazi ngcono uluntu lwakho. Sebenza nomasipala wakho kwisigaba ngasinye seprojekthi yokulungisa ukuze uphuhliso lungqinelane neemfuno zenu kunye **NOMBO NO WAKHO** wendawo ekhuselekileyo, enesidima nenokugcinakala.

IINKONZO ZENGXAKEKO EZIYIMFUNO ngamanyathelo nemisebenzi ekhawulezileyo ethathwa ngumasipala emva kwentlekele (efana nomlilo, izikhukhula okanye uqhuthelo lomoya) apho imizi yonakeleyo kunye/okanye abantu bafuduselwa kwesinye isiza ixeshana elifutshane.

Umasipala kufuneka anike ufikelelo kwizindlu zangasese nezibonelelo zokuhlamba izandla eziphucukileyo, ezikhuselekileyo neziginwe kakuhle kufutshane neendawo zokuhlala zexeshana msinyane nje kwaye ngaphantsi kweeyure ezingama-24 zengxakeko. Ezi inkqubo ziinkonzo ezisetyenziswa kunye.

UPHANDO LWEENDLELA ZENZULULWAZI NOBUNJINELI

Iujonga ukuba umhlaba, amatye namanzi aphantsi komhlaba kwisiza, ziza kukuchaphazela njani na ukwakha nezicwangciso zobunjinieli.

UHQLOLO LWEEMPEBELELO ZOKUSINGQONGILEYO (ENVIRONMENTAL IMPACT ASSESSMENT) (EIA)

Iujonga iimpembelelo zentlalo, zokusingqongileyo nezooqoqosho zeprojekthi yokulungisa. Yinkqubo yokuninisekisa ukuba izicwangciso zokulungisa zikhuselela imithombo yendalo exabisekileyo, impilo nokhuseleko loluntu ngexa kwangaxesha nye ilungisa iimfuno zoluntu.

UMIWO MHLABA

Iumalunga nokuba ngawaphi amalungelo onawo okuhlala okanye okuba ngumnini womhlaba okanye wendlu. Iintlobo ezohlukeneyo zomiwo mhlaba zinokukunika imvume yokuhlala emhlabeni, wakhe, uthengise kwaye uqeshe. Umzekelo, umasipala unokukunika isitifiketi sokuhlala, inombolo yetyotyombe edityanisele kwiyejista kamasipala okanye kwitayitile. Zinokusetyenziswa njengobungqina bokuba uhlela phi.

UKUHQLELA NGOKUTSHA

kusetyenziselwa ukuhlela ngcono uyilo lwamatyotyombe ukuze zikwazi ukungena izithuthi zengxakeko kwaye zininwe neenkonzo eziyimfuneko. Kudala isithuba phakathi kwamatyotyombe kwindawo exineneyo yamatyotyombe kwaye kwenza kube lula ukuba aqale ukulungisa umasipala.

AMATHUBA OKUZANIDISA IZINDLU

amalunga nokwenza uphuculo oluncinane nolubalulekileyo kwityotyombe lakho kwithuba elide lexesha. Njengoko ulondoloza kwaye usiba nemithombo engaphaya, ungenza uphuculo oluninzi.

UBUNCINANE BAMAXESHA AMISELWEYO:

Ngokwe-UISP, kuqikelelwa ukuba iprojekthi yokulungisa iza kuthatha iminyaka emi-6. Eneneni, iprojekthi zithatha ixesha elide kuba kukho iinkqubo ezininzi ezibandakanyekayo nabantu ababandakanyekayo abohlukeneyo ekusetyenzwano nabo. Kufuneka ungatyhafi xa izinto zithatha ixesha ukutshintsha. Khumbula, uluntu lwakho kunye nomasipala bakhambayo olude kunye.

UKUHQLOLA RHOQO IXABISO NOKUBEKA NGOKWEENDIDI (RAPID APPRAISAL AND CATEGORISATION) (RAC)

Phambi kokuba iqale iprojekthi yokulungisa, umasipala uchonga kwaye ahlale onke amatyotyombe. Le nkqubo isetyenziselwa ukuqonda ngcono amatyotyombe kunye nokuqala ukucwangcisa ukuba loluphi uphuhliso olunokwenzeka nolufanelekileyo kwindawo yokuhlala. UDidi A no B1 zifanelekile ukuba zilungiswe ekuqaleni kweSigaba soku-1.

INTO ONGAYENZA

UBUSAZI?



ISIGABA SOKU-1

UKUSETYENZISWA KWEPROJEKTHI (ngeenkonzo zengxakeko/zexeshana)

UBUNCINANE BEXESHA ELIMISELWEYO: UNYAKA 1 - 2

Ukusebenzisa **uphando nobalo lwemizi**, umasipala ufuna ukwazi:

- Ngubani ohlala apha kunye neprofayili yakhe (ubudala, isini, isimo sengqesho, njl.)?
- Ngubani umnini womhlaba?
- Ingaba kukhuselekile ukuwuphuhlisa umhlaba?
- Zeziphi iinkonzo nezibonelelo ezifunwa ngabantu?

Bhalisa uze uhlaziye ulwazi lwakho kumasipala wakho. Volontiyela ukuqhuba nokuthatha inxaxheba kuphando.

Umasipala uveza isicwangciso sokusebenza **sexeshana**. Esi sicwangciso sihlalanga ulwazi oluvela kuphando lwemizi kwaye sibonisa:

- Indlela aceba ukuwalungisa ngayo amatyotyombe enu umasipala
- Luza kubiza malini ulungiso
- Zeziphi iinkonzo ezifunekayo

I Komiti eSungulayo yeProjekthi (Project Steering Committee) (PSC) iyamiselwa:

- Iquka abameli abavela kubo bonke ekusetyenziswano nabo - uluntu lwalapho lwenzeka khona ulungiso, ibhunga likamasipala, abakhi babucala, imibutho exhasayo kunye namasebe kamasipala.
- Yongamele iprojekthi kwaye iqinisekisa ukuba bonke abo kusetyenziswano nabo bayabandakanyeka ekwenziweni kwezigqibo.
- Badibana rhoqo ukuqwalasela kwakhona inkqubo yeprojekthi, ukuphakamisa imiba kunye nokunika izimvo ezivela kumaqela abawameleyo.

Qiniseka ukuba uyazi ukuba ngubani okumele kwi-PSC kwindawo ohlala kuyo. Ukuba ayikho i-PSC okanye akukho melo loluntu, dibanani ukuze nibe nabameli boluntu kwi-PSC.

Dibanani nize nihlanganise uluntu lwenu ukuze lulungele uhambo lokulungisa nomasipala wenu.

Ukuba indawo enihlala kuyo inkulu, miselani amaqela awohlukeneyo kummandla ngamnye. Ningonyula umntu ukuba amele iqela lenu entlanganisweni kwaye adlulisele ulwazi phakathi kwegela lakho kunye namanye amaqela.

IINKONZO EZIYIMFUNO ZEXESHANA/ZENGXAKEKO ziyanikwa, kuquka nokuthuthwa kwenkunkuma. Ufikelelo kwezococoko kufuneka lukhuseleke, lucoceke kwaye lanele indawo enihlala kuyo.

Thatha uxanduva lokugcina nokubeka iliso kwezi nkonzo ukuze zihlale ixesha elide. Oku kuza kunceda umasipala wakho kananjalo ukuba azisombulule ngokukhawuleza ingxaki kwaye achithe imali esezantsi ize imali eninzi iye ekufakweni kwezinye iinkonzo ezintsha.

ISIGABA SESI-2

UKUQALISA (ngeenkonzo zexeshana)

UBUNCINANE BEXESHA ELIMISELWEYO: UNYAKA 3 - 4

Umasipala **ulungiselela ukuyiphumeza** iprojekthi:

- Angathenga, oxuthe okanye enze uthetha-thethwano ngomhlaba ukuba kuyimfuneko.
- Uqhuba **UHQLOLO LWEEMPEBELELO ZOKUSINGQONGILEYO (ENVIRONMENTAL IMPACT ASSESSMENT) (EIA) KUNYE NOPHANDO LWEENDLELA ZENZULULWAZI NOBUNJINELI**.

Zonke ii-EIA kufuneka zibe nenkqubo yothatho rxaxheba loluntu. Qiniseka ukuba unikwa ithuba lokubuza imibuzo nokukalisa ezakho iinkxalabo malunga nemithombo yendalo (ungcoliseko lomoya, amanzi/imilambo ekufutshane, imfuyo, umhlaba) kuyo okanye kufutshane nayo indawo ohlala kuyo.

Abahlali banokufumana ifom **yomiwo MHLABA**. Ngokusekelwe kwiziphumo zengxelo zobuchwepheshe, umasipala noluntu banokusebenza kunye ukuthetha-thethana ngokuba yeyiphi imizi emayibekwe kumhlaba othile (ngamanye amaxesha ngokwenza kubekho isithuba esingaphaya ngokuhlela ngokutsha) kunye nokuba yeyiphi imizi ekuza kufuneka ifuduke.

- Ngamanye amaxesha iindawo zokuhlala zixinene kakhulu kangangokuba ukuhlelwa ngokutsha kunokungafaki yonke imizi okanye kudale isithuba esoneleyo sokuba kubonelelwe ngeenkonzo ezisisiseko nezengxakeko. Ngoko ke, eminye imizi kufuneka ifuduselwe kwesinye isiza - ixesha elifutshane okanye elide.
- Ngeke ifuduswe ingavumananga imizi okanye ngaphandle komyalelo wenkundla.
- Imizi ekufuneka ifuduke kufuneka isebenze nomasipala ukuphuhlisa **isicwangciso sokufuduka**: Siza kusiwa phi? Sifike njani apho? Yintoni esiza kubonelelwa ngayo kwisiza esitsha? Yeyiphi indlela engcono kumntu wonke?

Buza amaxesha amiselweyo acacileyo okufuduswa kwaye uye ezintlanganisweni nomasipala wakho. Nika izakhono nolwazi lwakho ekufudukeni.

Ucwangciso olusekelwe kuluntu luyasetyenziswa ukumisela iimfuno zakho:

- Apho kufuneka zifakwe khona iinkonzo ezisisigxina
- Luza kuba njani uyilo nokudaleka lwendawo yakho yokuhlala
- Zeziphi izibonelelo ezifunwa luluntu lwakho
- Oku kufuneka kukhokelele kwisicwangciso samanyathelo oluntu (community action plan) (CAP)

UKUHQLELWA NGOKUTSHA kweendawo zokuhlala kubahlali abaseleyo:

- Amatyotyombe kufuneka ahlalelwe ngokutsha ukuvula isithuba sophuhliso kwisigaba esilandelayo, kuquka iindlela neendledlana.

Xoxani ngenzuzo kunye nokubi ekuhlelweni ngokutsha kwendawo ohlala kuyo, yila uyilo lwendawo ohlala kuyo nize niseuse imizi yenu ngokoyilo.

Ubudlelwane ekuhlaleni phakathi koluntu nomasipala buyaqityezelwa:

- Ubudlelwane ekuhlaleni bubudlelwane bentsebenziswano nokuthembana phakathi koluntu, umasipala kunye nabanye abantu ekusetyenziswano nabo.
- Ubudlelwane ekuhlaleni bunokwenziwa bube sesikweni njengesivumelwano esisayiniweyo. Kufuneka sichaze ngokucacileyo ukuba baza kusebenza njani kunye umasipala noluntu. Kubalulekile kubo bonke abantu ekusetyenziswano nabo ukuba iza kuba yeyiphi indima yabo kwiprojekthi.

Ukusayina isivumelwano linyathelo elinye, kodwa ubudlelwane ekuhlaleni bumalunga nokuba usebenzisana njani nomasipala wakho. Thatha ithuba ngalinye lokuhlangana nomasipala wakho nize nibebe ukuba nisebenza njani kunye.

Umasipala ukhupha **isicwangciso esiqityiweyo sokulungisa**.

Qiniseka ukuba inkokeli zakho ziququzelela kwaye zilungiselele nomasipala ukuze kuquke izicwangciso zoluntu kwisicwangciso esiqityiweyo sokulungisa.

ISIGABA SESI-3

UKUPHUMEZA (ngeenkonzo ezisisigxina)

UBUNCINANE BEXESHA ELIMISELWEYO: UNYAKA 4 - 5

Inkxaso yokugcinwa kunye nokusebenza kwezibonelelo ayifakwanga phantsi kwe-UISP? Xoxa nomasipala wakho malunga nokuba ziza kulawulwa kwaye zigcinwe njani izibonelelo kunye nokuba uluntu lungadlala eyiphi indima.

- Ukwakhiwa kwezinye **izibonelelo zasekuhlaleni** kunokuqala, ngokusekelwe kokuba yintoni ebichongiwe okanye ekuthetha-thethwene ngayo ngaphambili kwisicwangciso sokulungisa. Imizekelo ethile yile:



Ezithile zezi zibonelelo ziluxanduva lukarhulumente wephondo, hayi umasipala.

Ubukhulu obunokutshintsha bezitendi bufumaneka phantsi kwe-UISP? Sebenza nabayili bedolophu kumasipala wakho ukuthetha-thethana kunye nokucwangcisa uyilo olusebenzela indawo ohlala kuyo.

- **Inkqubo yokusekwa** kwelokishi ithetha ukuba:
 - Umhlaba ubhengezelwe izindlu
 - Iiploti ziyohlulwa
 - Unikwa amalungelo okuhlala/omiwo mhlaba ngokusekelwe kule nkqubo

- Iindlela nezitalatoezinepavumente ziyakhiwa
- **Ukwakhiwa kwezakhiwo** ezininzi kuquka
 - Imibhobho yokukhupha amanzi neyamanzi amdaka
 - Ukukhanya okufanelekileyo
- **Iinkonzo ezisisigxina**, ziyanikwa, kuquka izindlu zangasese ezigungxulwayo neetephu, ngokusekelwe kumanqanaba enkonzo kunye nobuncinane beemfuneko zikamasipala ngamnye.

Amanqanaba awohlukeneyo eenkonzo eza ngamaxabiso awohlukeneyo? Fumanisa ukuba yintoni engaziswa ngumboneleli ngenkonzo kwaye uthetha-thethane nomasipala wakho ngolona khetho lungcono kwindawo ohlala kuyo.

Ekupheleni kwesi sigaba, abahlali kufuneka babe nofikelelo:



Ukuphila ngcono nobumelwane obungcono zinokubakho kuba SINGCONO KA SIBAMBENE

ISIGABA SESI-4

UKUDITYANISWA KWEZINDLU



Ipapashwe ngoAgasti 2020